



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

SEPTEMBA 2013

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA – P2

AMANQAKU: 80

IXESHA: 2½ iiyure



Olu viwo lunamaphepha angama – 25.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Funda le miyalelo ngocoselelo phambi kokuba uqale ukuphendula imibuzo.
2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha. Jonga kwisiquulatho esikwiphepha elilandelayo uze uchonge imibuzo ebuzwe ngeetekisi ozifundisiweyo kulo nyaka. Emva koko yifunde le mibuzo uze ukhethe leyo unqwenela ukuyiphendula.
3. Eli phepha linama CANDELO ama THATHU:

ICANDELO A:	ISihobe	(30)
ICANDELO B:	INoveli	(25)
ICANDELO C:	IDrama	(25)

4. Phendula IMIBUZO EMIHLANU:

Imibuzo EMITHATHU kwiCANDELO A, omNYE kwiCANDELO B NOMNYE kwiCANDELO C ngale ndlela ilandelayo:

ICANDELO A: ISIHOBE

IMIBONGO EMISELWEYO – Phendula imibuzo emiBINI.

IMIBONGO ENGAMISELWANGA – Phendula umbuzo omNYE.

ICANDELO B: INOVELI

Phendula umbuzo omNYE.

ICANDELO C: IDRAMA

Phendula umbuzo omNYE.

5. UKHETHO LWEEMPENDULO KUMACANDELO B (INOVELI) no- C (IDRAMA)

- Phendula KUPHELA imibuzo ekwinoveli nakwidrama oyifundileyo.
- Phendula UMBUZO OMDE ube mNYE NOMFUTSHANE ube mNYE.
- Ukuba uphendule UMBUZO OMDE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C.
- Ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMDE kwiCANDELO C.
- Sebenzisa uluhlu lokukhangela (itshekhlisi) ukukuncedisa.

6. UBUDE BEEMPENDULO:

- Imibuzo emide kwiSihobe mayiphendulwe ngamagama angama – 240.
- Imibuzo kumacandelo eNoveli neDrama mayiphendulwe ngamagama angama – 390.
- Ubude beempendulo zemibuzo emifutshane buxhomekeke kulwabiwo lwamanqaku.
- Abalingwa mabathi ngqo babe semxholweni kwiimpendulo zabo.

7. Landela imiyalelo esekuqaleni kwicandelo ngalinye ngocoselelo.

8. Nombola iimpendulo zakho ngokwendlela ekunonjolwe ngayo imibuzo kwiphepha lemibuzo.

9. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA .

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

11. Yaba ixesha lakho ngolu hlobo:

ICANDELO A: Malunga nama – 40 emizuzu

ICANDELO B: Malunga nama – 55 emizuzu

ICANDELO C: Malunga nama – 55 emizuzu

IPHEPHA LESIQULATHO:

Eli phepha liza kunceda abafundi bakwazi ukukhetha imibuzo abafuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

ICANDELO A: ISIHOBE

Imibongo emiselweyo: Phendula NAYIPHI na imibuzo emiBINI

INANI LOMBUZO		UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
1.	<i>Afrika likhaya</i>	Umbuzo omde	10	6
OKANYE				
2.	<i>Umlambo</i>	Umbuzo omfutshane	10	7
OKANYE				
3.	<i>UNkosi Rholihlahla Nelson Mandela</i>	Umbuzo omde	10	8
OKANYE				
4.	<i>Bubomi obo</i>	Umbuzo omfutshane	10	9

KUNYE

Umbongo ongamilwanga: Phendula NAWUPHI umbuzo onNYE

5.	<i>Ndlela Ntle</i>	Umbuzo omde	10	10
OKANYE				
6.	<i>Ndlela Ntle</i>	Umbuzo omfutshane	10	11

ICANDELO B: INOVELI

Phendula umbuzo omNYE.

INANI LOMBUZO		UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
7.	<i>Nyana Wam! Nyana Wam!</i>	Umbuzo omde	25	12
OKANYE				
8.	<i>Nyana Wam! Nyana Wam!</i>	Umbuzo omfutshane	25	13
OKANYE				
9.	<i>Ukhozi olumaphiko</i>	Umbuzo omde	25	15
OKANYE				
10.	<i>Ukhozi olumaphiko</i>	Umbuzo omfutshane	25	15

ICANDELO C: IDRAMA

Phendula umbuzo omNYE.

INANI LOMBUZO		UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
11.	<i>Amaza</i>	Umbuzo omde	25	18
OKANYE				
12.	<i>Amaza</i>	Umbuzo omfutshane	25	19
OKANYE				
13.	<i>A-a-a! Jongumsobomvu!</i>	Umbuzo omde	25	21
OKANYE				
14.	<i>A-a-a! Jongumsobomvu!</i>	Umbuzo omfutshane	25	22

QAPHELA: KumaCandelo B noC, phendula umbuzo omde OMDE omNYE nombuzo OMFUTSHANE omNYE.

ULUHLU LOKUKHANGELA (ITSHEKHLISTI)

Kunyanzelekile ukuba uqwalasele olu luhlu lulandelayo ukuze uqiniseke ukuba ukhethe imibuzo ngendlela eyiyo.

ICANDELO		AMANANI EMIBUZO	INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO	PHAWULA
A:	Isihobe (imibongo emiselweyo)	1 – 4	2	
B:	Isihobe (Umbongo ongamiselwanga)	5 – 6	1	
B:	INovel (umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane)	7 – 10	1	
C:	Idrama (umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane)	11 – 14	1	
	QAPHELA: KumaCandelo B noC, qiniseka ukuba uphendula umbuzo OMDE omNYE nombuzo OMFUTSHANE omNYE			

ICANDELO A: ISIHOBE

VUKANI MADODA KUSILE – A Stemele: Umhleli

IMIYALELO: Kweli cadelo kubuzwe imibongo emiNE emiselweyo nemiBINI engamiselwanga. Umlingwa kulindeleke ukuba aphendule imibuzo ebuzwe kuyo nayiphi na imibongo okanye naziphi na izibongo ezimiselweyo; KUNYE nombuzo omnye kumbongo ongamilwanga.

QAPHELA: Umbuzo ongombongo ongamilwanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qiniseka ukuba uphendule imibuzo emithathu kweli cadelo. Ubude beempendulo zemibuzo emide bungama-240 amagama.

UMBUZO 1 (Umbuzo omde)

Fundisa lo mbongo ulandelayo ngocoselelo uze ucacise indlela isigama esisetyenziswe ngayo ukubonisa ukuphangwa kwe-Afrika ngogonyamelo nendlela engasonjululwa ngayo le ngxubakaxaka.

AFRIKA LIKHAYA: W. Shasha

- 1 Kowu aphin'amadodana!
- 2 Ndikhwina nje ndililela ngaphakathi!
- 3 Intombi kabawo bayenzakalisile,
- 4 Izidlwengu zezidlamli.
- 5 Kugqub'oothikoloshe kwindlu kabawo,
- 6 Ngcango festile ziyalenga-lenga,
- 7 Sebekruthakruthe batyhoboza!
- 8 Rhuthu intong'am ndaphakamisa,
- 9 Yangen'imbumbulu bandosela.
- 10 Beza nomfundisi wathandaza,
- 11 Hlas'umkhont'am ndabibitheka:
- 12 Ndonda ngecabanga balambisa,
- 13 Yangen'imbumbulu bandosela.

- 14 Ndogxek'iNciba noMzimkhulu
- 15 Ngokundigqinga ndingenzanga nto
- 16 Ndoy'entlango ndibiz'iinkamela
- 17 Zisele la manzi ziwafince
- 18 Ndothath'imihlakulo ndidiliz'iintaba
- 19 Ndidibe le milambo ndinyhanyhathe
20. Nditsho nditabhate ndiphangalale

[10]

OKANYE

UMBUZO 2 (Umbuzo omfutshane)

Funda lo mbongo ulandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo:

UMLAMBO: N. Thuthani

- 1 Ngumnyob'ozolileyo ohamb'utyhutyh'amathafa,
- 2 Isilo esizondlalileyo ukukhwez'imimango,
- 3 Amajikojiko uhamb'ubhijela endleleni yakho,
- 4 **Yintlwath'**ebhijel'ixhoba ukujikel'amagophe,
- 5 Waphel'umhlambi yinyok'ebimbilizayo.

- 6 Sisilo esitshayel'amabibi ukugutulyula sisihlisa
- 7 Wakugquma ungaggib'uthi sisilo esikhulu,
- 8 Likhaya lezilo nabomlambo balapho,
- 9 Kumaw'amakhulu uhamb'uhamb'ubamb'iintlombe njenqeqqirha,
- 10 Wombelele kamnandi ube ziingxangxasi utsawula usihlisa.

- 11 Ungad'ungahambi wakuva loo ntlombe yendalo,
- 12 Neembila zilapho zibhamp'emaweni zitshila,
- 13 Zisenzela loo mpepho kuyingxolo emnandi zidlala,
- 14 Ngumondli wesizwe kuba siphila ngawo
- 15 Into kuhambo lwayo ihamb'inkcenkceshel'imithi enamagama.

- 2.1 Beka gama limbi elisisithethantonye endaweni yelo libhalwe ngqindilili, uze unike nohlobo lwesafobe esisetenzisiwego. (2)
- 2.2 Ngqamanisa inkcaza ekwikholam A nenombolo emele isitanza kwikholam B. (3)

	KHOLAM A	KHOLAM B
2.2.1	Amandla okutshayela ududlela elwandle, utshabalalisa yonke into esendleleni yawo kodwa noxa unobungozi unjalo ukwabonisa ukuba bukho nobuhle.	1
2.2.2	Lo mlambo nangona uyingozi uphinde kwa wona ube lunchedo kwindalo nakuluntu.	2
2.2.3	Umfanekiso ngqondweni wenkangeleko, ukuhamba nentsukaphi yomlambo.	3

- 2.3 Khetha kwisitanza sesithathu umqolo ozoba imeko etsala umxhelo nebukelekayo. (1)
- 2.4 Jonga kwisitanza 2 uze unike izinto zibe MBINI ezibonisa eli cala lihle lomlambo. (2)
- 2.5 Chaza ukuba umqolo 9 uzoba mfanekiso ntelekelelo mni? (1)

- 2.6 Ngokomqolo we-14 okrwelelwe umgca ngaphantsi umlambo usondla njani isizwe? (1)
[10]

OKANYE

UMBUZO 3 (Umbuzo omfutshane)

Funda lo mbongo ulandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo:

UNKOSI RHOLIHLAHLA NELSON MANDELA: DLP Yali-Manelisi

- 1 Yimbuzu-mbuз'enjengenaliti,
- 2 Inzwan'enkulu yakwaMthikrakra
- 3 Umbol'izizazob'intokaMandela,
- 4 Umafanewa zidanga nezidabane,
- 5 Umafanewa yimbol'engayiqabi,
- 6 Azi ngekuyini na beth'ebeyiqaba?
- 7 Umagxagxamis'amagxagx' axhalabe,
- 8 Umaphongomis'izizwe ziphonyoze

- 9 Aa! Zwe-liya-shukuma!
- 10 Aa! Ndlela-zimhlophe kaMandela!
- 11 UZwe-liya-shukum'elibizwa zizizwe,
- 12 **UNdlela-zimhlophe'elibizwa yimbongi;**
- 13 **Kub'udale kwamhlopheAfrika**
- 14 Laphum'langa latshis'ooTshinga liyatsha
- 15 Baphutshuluk'ooBhakaqana ligqats'ezinqayini
- 16 Bagungquz'ooMgulukudu besoyik'imbuthu-mbuthu
- 17 Baphongom'ooRheme betshelwe zizicheku
- 18 Zantantazel'iinyhwagi zibon'ukutsha kwelizwe

- 3.1 Hlobo luni lo mbongo olu? (1)
- 3.2 Chonga umqolo obonisa uphawu ngalunye kwezi zilandelayo:
- 3.2.1 Ukusetyenziswa kwamagama anqabileyo (1)
 - 3.2.2 Ukusetyenziswa kwezimvo ezichaseneyo (1)
 - 3.3.3 Ukusetyenziswa kwesifaniso (1)
- 3.3 Nika uhlobo Iwesikrweqe esisetenziswe kumqolo 7 uze ubonise nomsebenzi esiwenzileyo. (2)
- 3.4 Lo ubongwayo wavalelwa esiqithini, iRobben Island iminyaka emingaphi? (1)

- 3.5 Cazulula intsingiselo ngokomxholo evezwa sesi sikhahlelo “Aa! Zwe-liya-shukuma!” (2)
- 3.6 Chaza ukuba igama “mhlophe” elisetyenziwe kwimiqolo ebhalwe ngqindilili lingumqondiso wantoni? (1)
- [10]

OKANYE**UMBUZO 4 (Umbuzo omfutshane)**

Funda lo mbongo ulandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo:

BUBOMI OBO: S.S.M. Mema

- 1 Kwakuba nje uzifune likuphepha-pheph’iqhingga;
- 2 Uth’ubusith’uyazazi iqin’inqaw’ingathembisi,
- 3 De uhive umangala, umangalel’uMenzi.
- 4 Okubeke kule ndawo wakushiya enyanyeni.
- 5 Wumbi de adambalale azincam’afadalale.

- 6 Abazimisele ukwanya de baye emangcwabeni,
- 7 Bayothuka wakususwa umbele emlonyeni,
- 8 Ze balathiswe ingca efun’ukuhlafunwa.
- 9 Abangi bangakhunjuzw’amazinyw’asiyohombo,
- 10 Ayangunda anqunqeke akufuyw’angasebenzi.

- 11 Iyaphendula indalo kofun’ukucetyiswa,
- 12 Empukwini ubomi lukrekretho nonqunqudo;
- 13 Entakeni lumphungozo nokubhungc’elutshaben.
- 14 Esihleliyo sidl’ukuhlala esiphilayo ses’ thwethwayo.
- 15 Nakuw’ubomi yimigungqo kungenjalo ubudlile.

- 4.1 Shwankathela umongo walo mbongo ngezivakalisi ezibini. (2)
- 4.2 Chaza ukuba kwisitanza sokuqala le meko yokuguquka kobomi emntwini ngokusuka bungabi mnandi inafuthe lini na? (1)
- 4.3 Ngala mazwi: “Nakuw’ubomi yimigungqo kungenjalo ubudlile” imbongi yenza yiphi kwezi zilandelayo:
- 4.3.1 Iyanyemba
 - 4.3.2 Iyakhuthaza
 - 4.3.3 Iyashwabula (1)
- 4.4 Khetha kwisitanza sesibini igama elithetha ukuxhomekeka. (1)

- 4.5 Iqhalo elinomgca ngaphantsi lisetyenziselwe ukubonisa ntoni? (1)
- 4.6 Nika umzekelo wendalo ube mnye apho imbongi ithi ukuphila kwayo kungenxa yemigudu yayo. (1)
- 4.7 Nika igama elinye elitolika inkcaza ekumqolo 7. (1)
- 4.8 Nika imfundiso edluliswa ngulo mbongo. (2)
- [10]**

KUNYE**UMBUZO 5 (Umbuzo omde)**

Fundisisa lo mbongo ulandelayo ngocoselelo uze ushwankathelisitanza ngasinye ukubonisa umyalezo ogqithiswa yimbongi.

NDLELA NTLE: O.T. Ncanywa

- 1 Hambani ke zintanda niye kuzenzela!
- 2 Uphelile lo nyaka sinijkajika;
- 3 Sinigocagocel'onke amacal'obom!
- 4 Uphelil'nyaka sinikhandakhanda.
- 5 Ukuze nikwazi enikufun'ebomini;
- 6 Hambani ke okwethu sikwenzile!

- 7 Ndibabonil'ootitshala bewenz'umgudu,
- 8 Wokuwavelel'onk' amacal'obom,
- 9 Besondl'ingqondo, besondl'umphefumlo,
- 10 Besondl'umoya, besondl'ubuntu benu,
- 11 Ukuze nibe ngabantu phakathi kwabantu.
- 12 Hambani ke okwethu sikwenzile!

- 13 Ze nichul'ukunyathela elizweni!
- 14 Ze nihambe ngentobeko nondiliseko;
- 15 Ze nibe nobulumko njengo Solomon,
- 16 Ningaqweqwediselw'entshabalalweni,
- 17 Zizinto zobuntwan'esenidlulile kubo.
- 18 Hambani ke okwethu sikwenzile!

[10]**OKANYE**

UMBUZO 6 (Umbuzo omfutshane)

Funda lo mbongo ungezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo:

NDLELA NTLE: O.T. Ncanywa

- 1 Hambani ke zintanda niye kuzenzela!
- 2 Uphelile lo nyaka sinijkajika;
- 3 Sinigocagocel'onke amacal'obom!
- 4 Uphelil'nyaka sinikhandakhanda.
- 5 Ukuze nikwazi enikufun'ebomini;
- 6 Hambani ke okwethu sikwenzile!

- 7 Ndibabonil'ootitshala bewenz'umgudu,
- 8 Wkuwavelel'onk' amacal'obom,
- 9 Besondl'ingqondo, besondl'umphefumlo,
- 10 Besondl'umoya, besondl'ubuntu benu,
- 11 Ukuze nibe ngabantu phakathi kwabantu.
- 12 Hambani ke okwethu sikwenzile!

- 13 Ze nichul'ukunyathela elizweni!
- 14 Ze nihambe ngentobeko nondiliseko;
- 15 Ze nibe nobulumko njengo Solomon,
- 16 Ningaqweqwediselw'entshabalalweni,
- 17 Zizinto zobuntwan'esenidlulile kubo.
- 18 Hambani ke okwethu sikwenzile!

- 6.1 Nika imizekelo ibe miBINI yesigama esisetyenzisiweyo ukubonisa ukumxonxa umfundu umlungiselela iimviwo. (2)
 - 6.2 Igama u “okwethu” elisetyenziswayo kumqolo wokuggibela kwisitanza ngasinye libhekisa koobani? (1)
 - 6.3 Chaza isiyaleli “Hambani” esiphindaphindwayo ukusetyenziswa oku sinika luvo luni? (1)
 - 6.4 Zinto zini eziMBINI ngokwembongi ezimenza umntu abe ngumntu phakathi kwabantu? (2)
 - 6.5 Caphula umqolo obonakala uxhobisa okanye uyala abo baza kuwafulathela amakhaya abo ngenjongo yokuya kuqalisa obunye ubomi. (1)
 - 6.6 Shwankathela lo mbongo ngezivakalisi eziBINI. (2)
 - 6.7 Mzekelo mni onokuwunika wezi zinto ibhekisele kuzo imbongi kumqolo okrwelelwemgca ngaphantsi? (1)
- [10]

ICANDELO B: INOVELI

IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe iinoveli **ezimbini**.
- Khetha imibuzo kwinoveli **oyifundisiweyo**.
- KwiNoveli nga**NYE** kubuzwe imibuzo emiBINI, OMDE NOMBUZO OMFUTSHANE, ukususela kumbuzo wesi – 7 ukuya kumbuzo 10.
- Khetha umbuzo ube m**NYE** uwuphendule.

QAPHELA: Ukuba umlingwa ukhethe umbuzo OMDE kwiCandelo B (kwinoveli) ayifundisiweyo, **kunyanzelekile** ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwicandelo C (kwidrama). Ukuba ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo B (kwinoveli), **kunyanzelekile** ukuba akhethe umbuzo OMDE kwicandelo C (kwidrama).

- Ubude beempendulo zemibuzo emide buphakathi kwama – 340 nama -390 amagama.

UMBUZO 7 (Umbuzo omde)

NYANA WAM! NYANA WAM!: W.K. Tamsanqa

“Thix’onofefe nguMangaliso!” watsho uMaNtuli ekhwaza, suka bathamba amadolo benoNofundile bexakwe yejona mabayenze, babuyela endlwini bee fokoxo emva kocango beziphethe ngeenkophe iinyembezi. Thathela kula mazwi uze ucazulule zonke iziganeko ezechlela uMangaliso ukusukela mhla wabonwa edolophini eGcuwa evela eRawutini de kube kufikelelwa kula mazwi.

[25]

OKANYE

UMBUZO 8 (Umbuzo omfutshane)**NYANA WAM! NYANA WAM!: W.K. Tamsanqa**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA 1

Unyanisile mntwan'am ayikho enye into eyayithethwa leli phupha ngaphandle kwale uyichazayo, molokazana. **Ukuba andinakuthemba uThixo ukususela namhlanje, anganditshisa kwesibomvu isihogo!** Ngenene noxa umntwana wam wayelahlekile ndisentlungwini ngezo mini ndasoloko ndinethemba lokuba ndiza kumbona ephilile okanye efile, kangangokuba ndada ndanamazwi athi, "ukuba angafa ndingambonanga uya kuba akakho lo Thixo alilisela ngaye amaggqobhoka." Namhlanje nanku umntwana wam, ndimbona ephila. Ndiyangqina ukho uThixo wamaggqobhoka. Mshumayeleni niqine, ningalibali ukubashumayeza abantu ngethemba. "Ithemba liyaphilisa." "Amen! Halleluya!" batsho bonke endlwini bevuya. Iwaluseluhambile urhatya waququzelela uThozama wenza isidlo sangokuhlwa kwayiwa, elapho nomfundisi waseTshetshi nenkosikazi yakhe. Kwehlukwana sebuhambile ubusuku emva komthandazo oshushu, abantu bakaThixo bebulela olo manyano lomntu nonyana wakhe emva kweminyaka, beyicelela indod'enku ukuba akhe ayolutele imihla uSombawo iyibone imisebenzi yonyana wayo.

- 8.1 Athethwa ngubani la mazwi, kwaye ethetha nabani? (2)
- 8.2 Baphi aba bantu benza le ncoko? (1)
- 8.3 Chaza ukuba lithini eli phupha leli xhego lizingileyo kangangokuba lide lilenzele intloko ebuhlungu. (2)
- 8.4 Xela ngeengongoma eziMBINI ukuba uthini umolokazana xa elitolika eli phupha. (2)
- 8.5 Nika igama elibizwa ngalo eli bandla laseGeorge Goch uze uliguqule ulise kolwakowethu ulwimi. (2)
- 8.6 Sebenzisa ulwazi lwakho lwencwadi unike iziganeko zibe ziBINI ezechlela uMangaliso ukubonisa ubunyani bala mazwi esithethi akrwelelwe umgca ngaphantsi. (2)
- 8.7 Safobe sini esi sibonakaliswe ngamagama abhalwe ngqindilili? (1)
- 8.8 Siganeko sini eseohlayo nesinqaqhelekanga ngalo mhla kwibandla laseGeorge Goch kwaye sasibangelwa yintoni? (2)
- 8.9 Ingaba ibandla laseGeorge Goch likuliphi iphondo kula alandelayo?
 - 8.9.1 Mpumalanga
 - 8.9.2 North West
 - 8.9.3 Gauteng (1)

ISICATSHULWA 2

Emva kwethuba bencokola, seziphelile neentlonana ebenazo uThozama ekuqaleni ebuyela ekumqheleni kwakhe okudala, sel'emana ukukhala ngobhuti Thole futhi, wavakala uMangaliso esithi, "Thozama ndibuyile emfundweni owawundicebise ngayo. Ke, andiz'ukutsho kuwe ukuba umbulelo wam ungakanani na.

Ungasowuzicingela. Nguwe owaziyo njengoko nam ndisazi ukuba ndinjenje namhlanje, kungenxa yakho. Njengokuba undibona nje ngoku ndijongwe ngumsebenzi onzima wokondla izimvu zikaThixo, umsebenzi wokuphilisa imiphefumlo. Ke kulo msebenzi andinaye umncedisi, ubungebi nguye na umncedisi wam, Bhelekazi? Iinzima zam ibe zezakho? Ube yintonga yam esekhos? Kuba ngaphandle kwakho ndifumana obu bomi bungendiyoleli."

Emva kokuthi cwaka umzuzu uThozama kucaca ukuba uyacinga wabonakala encuma ejonga emehlweni kuMangaliso esithi, "Yintoni na le ngoku uyithethayo Bhuti Thole? Uthetha ukuba nam mandibe ngumfundisi phantsi kwakho? Ndzingazange ndimbone nje okanye ndive ukuba wakha wakho umfundisi womfazi uya kuqala ngam?"

"Hayi Thozama musa ukundigezela, usenokuya kugeza kwakho kwakudala? Uyaqonda nje ukuba ndimdala ngoku? Akundoyiki?" Watsho uMangaliso emjamela, phofu encumile.

- 8.10 Oku kuqhulana kungakanana kule ncoko yesi sibini ucinga ukuba umbhali ukwenzele ntoni? (2)
 - 8.11 Kutheni uThozama ebonakala njengoneentlonana xa ethetha noMangaliso? (1)
 - 8.12 Khankanya iindlela eziMBINI athe waxhaswa ngazo uMangaliso nguThozama ukuze abe ngumfundisi. (2)
 - 8.13 Ngokomxholo webali athetha ukuthini la mazwi athi: "ubungebi nguye na umncedisi wam"? (1)
 - 8.14 Caphula kwesi sicatshulwa amabinzana abonisa ukuxhasana kukaThole no Thozama/kwesi sibini. (1)
 - 8.15 Yinyani okanye bubuxoki xa esi sitethi sisithi ngoku sijongene nomsebenzi onzima wokondla izimvu zikaThixo? Zixhase. (2)
 - 8.16 Ungathi uThozama uzotywe wangumlinganiswa onjani ngokwesi sicatshulwa? (1)
- [25]

OKANYE

UMBUZO 9: (Umbuzo omde)**UKHOZI OLUMAPHIKO: N. Saule**

“Ukuba ukhe wabanjwa, isigwebo siya kuba sinye, kukuxhonywa ukuba akufelanga esiseleni njengoK.K. Ngoku aza kuyeka amapolisa ukukufunza ngoFriday, aza kukuzingela ngokwawo sele enegunya eliqinisekisiweyo, uyandiva Mfazwe?” Hluza iziganeko ebalini ezechlela uMfazwe uthathela mhla wabanjwa de sibe esi sithethi sithetha ngolu hlobo.

[25]

OKANYE**UMBUZO 10: (Umbuzo omfutshane)****UKHOZI OLUMAPHIKO: N. Saule**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA 1

“Titshala khawuvele kancinci apha ngaphambili.”

“Ingaba kukho into egoso?”

“Hayi titshala akukho nento le” Watsho ephuma engabangasalinda omnye umbuzo. Ndinge ndingadukisa kancinci ndaguqukela kwabaya bahlobo bam babini, babengasabonakali nangetshengele, ndingazi nokuba baphume nini na. Ndiphume phandle, ndema apha emnyango ndijonge imvula. Kwakuphithizela abantu bebhaka ngapha nangapha emvuleni. Kaloku kwakulungiswa izitya kuza kutyiswa abantu. Ndithe xa ndithi cakatha ebaleni ndikhusele intloko ngegxlaba, ndeva isandla esibandayo sindithi **hlesi** apha esihlahleni. Andixhuzulanga noko, ndajika ndabheka. Ndinekaqondi ukuba kwenzeka ntoni na, ndangqutywa ngaphambili ndibuyiswa umva, andaxhathisa. Yayingabaya bafana babini besikolo.

Bandidudulela ecaleni bengathethi, sada saya kujikela ngaphaya kwegumbi elinomlilo ngaselucingweni.

“Mfundisi usengozini.” Yatsho le ibindithe chu ngesihlahla intwana xa kanye ndiza kubza ukuba ndisiwa phi na. “Ingozi yantoni?” Ndibuze sendindwebe okwentwala yesikhakha. “Ixesha lokuchaza liya kuba libekho, kodwa okwangoku mka kule ndawo.” “Ndimke ndiyе phi na madoda?” “Indawo e “safe” kukwamfundisi uHlathi.” “Mfundisi nceda wenze le nto siyithethayo.” Itshilo le yayindidudula ngasemva seyinendawo yokundityhilizela elucingweni.

- | | | |
|------|--|-----|
| 10.1 | Ngubani lo mntu ukhwaza lo titshala? | (1) |
| 10.2 | Ungathi kule ndawo likuyo eli bali likuliphi inqanaba ngokwesakhiwo?
Zixhase. | (2) |
| 10.3 | Aba bafundi babini ubabona bedlala ndima ni ngokwalapha kwisicatshulwa? | (1) |
| 10.4 | Chaza ukuba kuqhube ka ntoni kulo mzi sekuphithizela abantu kulungiswa izitya ukutyisa abantu. | (1) |

- 10.5 Ingaba abantu ababeze kuzimasa lo msebenzi babewonwabele na? Xhasa impendulo yakho ngesiganeko esehlayo. (2)
- 10.6 Ndaba zini ezavakalayo ngabefundisi ababeqhuba lo msebenzi? (1)
- 10.7 Chonga kwesi sicatshulwa ibinzana elitolikwa yile nkaza “ukuphel’emehlweni.” (1)
- 10.8 Cacisa ngokwalapha kwisicatshulwa ukuba sekutheni lo titshala egxagxanyiswa kangaka nje. (2)
- 10.9 Sebenzisa ulwazi lwakho lwencwadi uxele ukuba oku kungqutya, idudulwe le titshala zezi ntwana bekubonisa yiphi kwezi zilandelayo: Khetha eyona mpPENDULO ECHANEKILEYO.
- 10.9.1 Inkohlakalo
 - 10.9.2 Ukukhusela
 - 10.9.3 Ukuxhaphaza (1)
- 10.10 Igama elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa linika mfanekiso ntelekelelo mni? (2)
- 10.11 Yinyani okanye bubuxoki ukuba lo titshala kuthethwa ngaye kwesi sicatshulwa yimpimpi? (1)

ISICATSHULWA 2

Ndifike ngasezibhasini kuphithizela, zinduluka ezinye, zimbi zifika zityekeza abantu. Ndangqala kweziya zifikayo, ndamana ukuphunuza ngokungathi ndizokuphuthuma uthile. Ibisithi yakuggiba ukothula ibhasi, ndiggithele kwenye ndenze ese zolo.

Umnqwazi ndandise ndiwugungxile, ibhatyi ndiyinxibile kuthi ukuba kufuneka ndihambile, ndiwurhuqe umlenze, ndidetyeze okwesiqhwa.

Emzuzwini kubekho into ethi mandibheke ngasemva. Kwakuxa kanye eliya polisa lam kune nogxa walo, linqumla isitrato lisiza ngqo ngakwicala elinam. Lwathi merhe uvalo ndakuwabona esinga-singa izihlwele zabantu. Kwakucacile ukuba ayafunisa. Athethe nomfo owavezidlulela kuwo, emva koko wajika walatha kwicala elinam. Ndithe sithe ndajikela ngaphaya kwebhasi ndathubeleza ndingangxamanga, ndaya kuma ecaleni kweyayikhwela, ndaphinda ndanye ka ngemva. Oonkabi bathe bakufika kulaa bhasi ndisuka kuyo, bahlulelana kubini ingulowo wahamba kwelakhe icala baya kuhlangana ngaphambili. Ukusuka apha beze kancinane kwendandimi ecaleni kwayo. Ndaqonda ukuba konakele ukuhlala. Ndingene ngasemva kumngcelele wababelindele ukukhwela kwabe sekulandela ababefike emva kwam. Kuzokuma emva kwam indoda eyayihexa kanobom, ibize ighuba amatakane kakade. Ngesokunene isandla yayiphethi impahla esongelwe enguben, ngesokhohlo esindayo yona ibhaskiti yomphako, ithwele uxanduva lokugcina idyasi yayo iyithe tyuu kakuhle egxeni. Ndithe kuyo mayindinike omnye umthwalo ndiyiphathise, kwanedyasi ndiyixwayise.

- 10.12 Ngubani lo ubalisayo apha kwesi sicatshulwa? (1)

- 10.13 Sizathu sini esibangela ukuba lo mlinganiswa abonakalise ukungazinzi? (1)
- 10.14 Qwalasela amagama abhalwe ngqindilili uze unike eyona njongo yokuba lo mlinganiswa enze yonke le nquleqhu. (1)
- 10.15 Khetha kwesi sicutshulwa amagama atolika ezi nkaza:
- 10.15.1 Abantu abaninzi (1)
- 10.15.2 Ukuhangela okuzingileyo (1)
- 10.16 Safobe sini esikrwelelwe umgca ngaphantsi? (1)
- 10.17 Le ndoda ibonakala ixakene nemithwalo yayo yaluthakazelela na olu ncedo yayilunikwa lokuyiphathisa imithwalo? Ewe/Hayi uzixhase. (2)
- 10.18 Umbalisi lo ubonakala eseluhambeni ucetyiswe ngubani ukuba aluthabathe, kuba kutheni? (2)
[25]

AMANQAKU ECANDELO B: **25**

ICANDELO C: IDRAMA**IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwiidrama **ezimbini**, ukususela kumbuzo 11 ukuya kumbuzo 14.
- Kwidrama nga**NYE** kubuzwe imibuzo emibini; **omde** kunye **nomfutshane**.
- Khetha umbuzo ube **mnye** kwidrama **oyifundisiweyo**.

KHUMBULA: Ukuba umlingwa ebekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B, **UNYANZELEKILE** ukuba akhethe umbuzo OMDE kwiCANDELO C.

Ukuba umlingwa ebekhethe umbuzo OMDE kwiCANDELO B,
UNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C.

- Ubude beempendulo buphakathi kwama-340 nama-390 amagama.

UMBUZO 11: (Umbuzo omde)**AMAZA: Z.S. Qangule**

Owona mxholo uphambili wale ncwadi kukubonisa ukungalungi kokunyanzeliswa kwamasiko kule mihla. Ujunge aba balinganiswa babini, uLizo noNamhla xhasa olu luvo ngeziganeko eziencwadini.

[25]

OKANYE

UMBUZO 12 (Umbuzo omfutshane)

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo:

AMAZA: Z.S. Qangule

ISICATSHULWA 1

Vuyisile:	Unyana womfundisi nomkhwenyana womfundisi enze amanyundululu, atshate isithembu!
Zola:	Yintsomi leyo! Unongekhe! Unotshe!
Xolile:	Sizihluphela ntoni engekatshati nje uLizo?
Mphurhu:	Kutsho bani? Amakhumsha akavutheli sigodlo xa aza kuthatha umfazi.
Danile:	Akakatshati kona ukutshata, kodwa kuyavakala ukuba seleziqamangele ngesithembiso esibhaliweyo.
Mphurhu:	Ulobole khona?
Danile:	Zimbini zintathu ezekhazi, neyesisu sele eyikhuphile.
Xolile:	Akukho nto igqiba ukuba bayekwe abafana bashiyane ngezigalo.
Qebeyi:	Akunakuthetha loo nto ngomntwana oselelotyolwe!
Zola:	Nokuba ulobole umfana akakagqibi.
Xolile:	Nokuba ugqibile liyakhutshwa.
Zola:	Nokuba alikhutshwanga liyashiywa!
Mphurhu:	Ziyakwazi phofu ukulobola izifundiswa?
Xolile:	Zinani?
Mphurhu:	Yintoni awakha wayinikwa nguKhetshe?
Qebeyi:	Yitscho uphinde Bhele! Izifundiswa ngamakhozi arhiwula aduke. Uya kudibana nomntwana wakho sele engamathambo!
Vuyisile:	<u>Iya kuba bububi obuhle xa uLizo etshata uNamhla endaweni kaZodwa.</u>
Mphurhu:	Khawuthethe into evakalayo.
Xolile:	Uthetha ukuthi kungcono uNamhla atshate uLizo amthandayo endaweni yokutshata uSidima ngokunyanzeliswa?
Qebeyi:	Into endiyaziyo yeyokuba babekhe bathandana aba bantwana. <i>(Kuthi cwaka umzuzwana. Isiqaba siqhumisa oozaliphophile, isiggobhoka siqhwitha iisigarethi)</i>

- 12.1 Yintoni edibanise la maBhele? (1)
- 12.2 Nika igama leenkomo ezikhutshwa xa kulotyolwa. (1)
- 12.3 Yinyani okanye asiyonyani ukuba kukho ukungavisani kwingxoxo eqhubeka kwesi sicatshulwa? Zixhase. (2)
- 12.4 Safobe sini esisetyenzisiweyo kumagama abhalwe ngqindilili? (1)
- 12.5 Cacisa intetho kaVuyisile ekrwelelw umgca ngaphantsi ukuba ithetha ukuthini. (2)
- 12.6 Amagama abhalwe bukekela akunika luvo luni malunga nendibano le? (1)

- 12.7 Ingaba le ngxoxo iqhubekayo kwesi sicutshulwa singentla yaba naso isisombululo? Ewe/Hayi uziyhase. (2)
- 12.8 Khetha kwesi sicutshulwa umlinganiswa abe MNYE onokuthi umele izifundiswa. (1)
- 12.9 Mpawu zini eziqaqambileyo elunazo uKhozi noKhetshe ezenza ukuba uMphurhu noQebeyi bakholelwé ukuba izifundiswa zizo ezo ntaka? Nika zibe MBINI. (2)
- 12.10 Eli bali liqhubeka kuliphi ixesha? Xhasa impendulo yakho. (2)

ISICATSHULWA 2

- MaNdaba:** Phulaphula.
- Namhla:** Uze ungandifundekeli mna.
- Lizo:** Thula Namhla, sukulahla isimilo sakho. Ebhubhile nje uSidima ubhubhile.
- Namhla:** Ibe kuthe qabu igabukile nje inkungu.
- MaNdaba:** Nindehla entloko kuba ndigugile. Nithetha olu hlobo kuba uCirha emkile. Beningekhe nigeze kangaka ukuba ebekho uSidima.
- Lizo:** Ligwala elinokoyika impukane.
- MaNdaba:** Hay'amaphela inyala lawo. Nang'ekrexesa abafazi beempukane!
- Namhla:** Ziza kufa zonke izinambuzane bubusika. Kuza kuqothola eseThekwini neseKapa.
- Lizo:** Ziza kuyeka ukuhamba zigxuphuleka, zingena kubisi olungelolwazo.
- MaNdaba:** Sekumasuku ndiphupha isikizi. Ndithonga nina nobabini nisebhungeni lokubulala bonke abantwana bam. Siza kuhlangana, ubuthi ndabuthwasela.
- Namhla:** Wonganyelwe ngumsindo.
- Lizo:** Xa esazi ntoni ngobuthi?
- MaNdaba:** (*Ecothoza ephuma*)
Zimdaka ezidlulileyo, zilusizi ezisezayo. Lo mhlaba uza kuzala ziimpethu.
(*Kungekudala ephumile uMaNdaba kungene uSilumko*)
- Silumko:** Kudala ke ndinkqonkqoza!
- Lizo:** Siyicelela uxolo loo ndawo.
- Namhla:** Inene asikuvanga,
- Silumko:** (*Ebhekisa kuNamhla*) Uleli tshawekazi likanyana?
- Namhla:** (*Ebhekisa kuLizo*) Kanti Qwathi uhamba uhlekisa ngam kule milambo?
- Silumko:** (*Ekhupha epokothweni into eqhinwelwe elaphini*) Akusekho xesha lakuncokola, igazi lam selixhophoza.
- Lizo:** Yintoni ngoku?
- Silumko:** AsingoMaNdaba lo uphuma apha?
- Lizo:** Luqobo lwakhe.
- Silumko:** (*Ekhulula iqhina letshefu, kuvela isikhumba senyoka*)
Lufele lwenyoka yokuthakatha olu, ndimbukele kakuhle elombela emva kwale ndlu. Uthe nje ukuba athi tyishi esiya kwindlu ephakathi ndabe sendiphoseleka, ndigrumba, ndifunana nale ngozi!

- 12.11 Ayinyani na amazwi aphawulwe ngomgca ngaphantsi? Ewe/Hayi, uzixhase. (2)
- 12.12 Chaza ukuba kusuke kwathini sele elugcwabevu nje uNamhla xa ethetha noMaNdaba. (2)
- 12.13 Ungathi uNamhla ngumntwana wala maxesha okanye amaxesha akudala? Zixhase ngengongoma eNYE. (2)
- 12.14 Ingaba amazwi okuggibela kaMaNdaba athi “Zimdaka ezidlulileyo, zilusizi ezizayo” athetha ukuthini? Cacisa. (2)
- 12.15 Esi sikhumba senyoka athi uSilumko umbone esombela uMaNdaba waze yena wasigrumba simzoba njengamlinganiswa onjani uMaNdaba? (1)
- 12.16 Usebenzise yiphi indlela yokubumba umlinganiswa xa umbhali emenza asiphuhlise isimo sakhe ngeentetho zakhe? (1)
- [25]**

OKANYE**UMBUZO 13: (Umbuzo omde)****A – a-a! JONGUMSOBOMVU!: B.B. Mkonto**

Unkosi Maqoma uzotye njengomlinganiswa olithandazwe kuba ngalo ixesha ethetha umbhali umtyhila njengomlinganiswa ongadlaleliyo ekuthathweni komhlaba wooyisemkhulu ngoohlolahlesakhe abaziintlanga ezimhlophe kwilizwe lakowabo. Xhasa olu luvo ngamazwi aphuma kuye kulo mdlalo.

[25]**OKANYE**

UMBUZO 14 (Umbuzo omfutshane)

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo:

ISICATSHULWA 1

- | | |
|-------------------|--|
| Beau | : Uxolo bahlekazi ngokuniphazamisa nisengxoxweni. Ndileqwa nguMnumzama uRufus lo nimbonayo. Uze kubhena apha kuwe Kholoneli ngenxa yempatheko-mbi ayifumene kwinkundla ka Maqoma. Mandimnike ithuba lokuyibeka ngokwakhe. |
| Rufus | : Mandingxengxeze nam bahlekazi. Ndize kuzithoba kuwe Kholoneli ehloniphekileyo. Ndibalekwe likhoboka lam, uToli, elithe likhululwe njengamanye la. Bekungenani ke xa litshoyo, bendenegenakumangala, bendiya kulikhulula njengabanye abantu aba. Esi sihelegu senzeke ngolu hlobo: Kuthe njengoko ndingumrhwebi, ndaya kungena kweliya lasemaXhoseni, kwisiphaluka sikaMaqoma apho bendiya kurhweba ngamaqhosha neentsimbi zegolide. Ndilahlekelwe yinto eninzi yempahlala apho, de kwalahleka noToli lowo. Ndibhadule ndimfunu, de ndambhaqa endizimele. Ndimtywatushe kakhulu ngemvubu waza wathi wakuphuncuka waya kuzimela emzini kaMaqoma. Ndakuba ndifikile kuthiwe kukho inkundla eza kuwuchophela loo mcimbi. |
| Somerset : | (<i>Ngelomothuko</i>) Uthini na apha kum? UMaqoma ufune ukuchophela ityala lomBhritane. Sisimanga santoni esi usithethayo. Bayawazi umthetho? Kodwa hambisa. |
| Rufus | : Ndithe ndisaqalisa ukwandlala isimangalo sam, ndaxeletwa ukuba akukho nto kuthiwa likhoboka phaya emaXhoseni, ngoko ke uToli uyafana nam, singabantu ngokufanayo. Ndifunyenwe ndingonetyala kuba ndimbhale imivumbo ebonakalayo uToli ngeli xa mna ndingenayo. Ndigwetywe inkabi yonke yenkomu, ndayikhupha, ndaza ndemka apho ndikhala. Yiyo le nto ubona ndilapha. |
| Somerset : | Ngoku ufuna sithini? |
| Rufus | : Ndingwenela ukuba eli tyala lekhoboka lam lichotshelwe yinkundla yakowethu. Ndinelungelo loko kuba la mhlaba sikuwo, nalowo belibalekele kuwo ngokaKumkani waseBhritane, kowethu. Phila ngonaphakade Kumkani. (<i>Batsho bonke emva kwakhe</i>) |
| Filiphu | : Nantso kanye le nto sigqiba kuyithetha Kholoneli. UMnumzana Rufus yena akakaqondi ukuba akusekho mntu unakhoboka ngoku. Loo mthetho uqulunqwe waza waphehlelelwa nguKumkani ngokwakhe phantsi komgaqo-siseko woburhulumente baseBhritane. |

- 14.1 URufus noBeau bafika uSomerset ehleli nabani? (1)
- 14.2 Daba luni olu uBeau noRufus beze ngalo kuSomerset? (2)
- 14.3 Lungelo lini likaToli elinyhashiwego ngokwale ncoko ingentla? (1)
- 14.4 Xa umntu enewonga lobuKholoneli le nto ithetha ukuba:
- 14.4.1 Ukwinqwanqwa eliphezulu kwinkolo yobuKrestu
 14.4.2 Lisekela kumkani waseBhritane
 14.4.3 Unesikhundla esiphezulu emkhosini (1)
- 14.5 Yinyani okanye bubuxoki ukuba uRufus amaxesha amaninzi amahlakani akhe amhlophe soloko emgxeka ngokuqhatha amaXhosa kokuba ngumrhwebi kwakhe? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 14.6 UMzantsi Afrika ngeli xesha kuqhube ka le ncoko ilapha ngentla ube uliThanga lelizwe laseBhritane de waba ufumana ukukhululeka ukuba uzilawule ngomhla:
- 14.6.1 27 Apreli 1994
 14.6.2 31 Meyi 1961
 14.6.3 16 Juni 1976 (1)
- 14.7 Uyavumelana na/akuvumelani ukuba iinkosi zelizwe lethu zazijongelwe phantsi ngamaNgesi angabangeneleli kweli lizwe laseMzantsi Afrika? Zixhase. (2)
- 14.8 Cacisa kukuthini ukubhena ngokwesi sicutshulwa. (2)
- 14.9 Ingaba isizathu esibekwa nguNkosi uMaqoma sokuba uToli akhululwe usibona sifanelekile? Xhasa uluvo lwakho. (2)
- 14.10 Ucinga ukuba lo mdlalo wawuqhube ka kuliphi ixesha ezimbalini? (1)

ISICATSHULWA 2

Lutshaba:	A! Jongumsobomvu namakhosi! (<i>Bakhahlela bonke</i>) Siwele imilambo enamagama, saqabela iintaba neenduli zodumo, sachankcatha kwimixethuka neengxondorha ngokuthunywa ngamaHlubi ukuba size kushiya emaTshaweni eli qum-qum, intombi ethi nto, umathunjan'eKumkani yamaHlubi uBhungane. Sesikhutshwe ngoonyana bakhe, uKumkani uMthimkhulu nomntakwabo uMpangazitha ukuba sakhe ukwalamanne. Ukuba besaliwe, ngekungaphithizeli ngolu hlobo yile ntlaninge yabantu. (<i>Eguqukela kuDolo</i>) Kungawe ke ngoku mfo kabawo.
Msimka:	A! Ngangegunya! (<i>Bakhahlele bonke</i>)
Dolo:	(<i>Esondela kuNolitha</i>) Asinaluthandabuzo MaTshawe xa sisithi khangelani ke nalo iqhayiya lamaHlubi. (<i>Uyatyhilwa ziimpelesi amehlo eengwevu ethe zinzi apha emabeleni awayefana namaqanda ukuma emzuzwini</i>) Andazi nokuba zanele na iingwevu kukutyebisa amehlo.
Neku:	A! Jongumsobomvu! namakhosi! Okwangoku ngathi sibonile, sanela ukuba sijongene nentombi nto, ndifung'uNontibikho. A! Ngangegunya! (<i>Ejonga kuDolo</i>) Mhlekazi ke, ungathi nqa wena, sisithethe, kwaye sidala. Xa nditshoyo ke mntwan'omhle ndithi makhe sigqithisele phaya kubahloli basibeke emkhondweni. (<i>Kuphakanywa noNolitha ukumsa kubafazi abakhethelwe loo msebenzi wokuhlolwa</i>) Ngalo mzuzu sisalindeleyo, nceda ke mkhozi ukhe usitshayise, sinqanqathekile mfondini. (<i>Kubekwa inxili ngumfana oyiphethayo, kuyatshaywa</i>)
Msimka:	Umthunywa weKomkhulu uSekela, sel'esiza neendaba zasegoqweni. (<i>Afike asebeze kuye</i>) Ingxelo ithi kunjengokuba benibona.
Neku:	Sixolile mkhozi. Nalo ithokazi kwezomthonyama ncakasana, lirhwexu ngebala yinkomo yenquthu ke leyo. Obuya buso bumhlophe bale ntombi sibufanisa nelaa thokazi libhadi, ze ibe ngamashumi amathathu ekhazi elibonwa ngulo mzi. Andazi ke mkhozi ukuba ubona njani na wena.
Lutshaba:	Wabetha ndaxola mkhozi, kodwa ke unale ndawana yokuzisikela enqatheni ngekhazi. Phofu yimfanelo nelungelo lakho elo. Athi ke amaHlubi ngamathokazi aphaqazelayo akumashumi amahlanu ekhazi, iqegu elihonjiswe laphelela ezomthonyama kunye neziya sowuzidakancile zezizathu.

- 14.11 Ingantoni le ndibano iqhubekayo? (1)
- 14.12 Ukuhlolwa kwentombi ngokwenkcubeko yakwaNtu mandulo kwakulisiko okanye isithethe? (1)

- 14.13 Ingaba zeziphi ezi nkomo *sezidakancwe ngokwezizathu* ngokwentetho ka Lutshaba? (2)
- 14.14 Khetha kwezi mpendulo zingezantsi elona khazi kulotyolwe ngalo uNolitha:
- 14.14.1 Ngamashumi mathathu anesibini
 14.14.2 Ngamashumi mahlanu anesibini kunye neqegu elihonjiswe laphelela
 14.14.3 Ngamashumi mahlanu anesibini (1)
- 14.15 Nika ulovo lwakho malunga nesenzo sokuhlutywa komzimba kaNolitha phambi kwenginginya yoluntu ukuqinisekisa ubunyulu uze uluxhase. (2)
- 14.16 Chonga igama elisetyenzisiweyo ukubonakalisa uhlobo lobuhlobo obabusakhiwa ngale ndibaniselwano yesizwe samaHlubi namaXhosa. (1)
- 14.17 Xela ukuba iindaba zasegoqweni zezivela koluphi udidi lwabantu. (1)
- 14.18 Chaza ukuba yeypifi inkomo yenquthu. (1)

AMANQAKU ECANDELO C: 25
AMANQAKU EWONKE: 80
[25]